IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI LIHLAULELWA ZONKE.

(NATIVE OPINION)

3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, AUGUST 5, 1885 [No. 40.

Iveki.

SALIBALA kwelidlulileyo ukuti ityala lo Rev. J. D. Don no Mr. G. A. Hay litu- nyelwe kwigqweta le Nkosazana e Rini, eliyakutike Iona livakalise nokuba liyaku- lisa pambi kwejaji.

AMASELA agqugqisile. Ngoku akakatali kuzimela kuba eba ngenxa yepango. Etolongweni afumana izixaso.

AKUNTO incwadi zababaleli esizifume- neyo, ngobuncinane bepepa azinakushici- lelwa ngaxesha nye.

EDUTYWA kutiwa ingxowa yombona ihamba kwi 35s. Lisabalele ngokoko.

KWINGQINA ebise Tvityaba, e Nciba ngeveki edlulileyo kudutyulwe izingwe ezimbini, nembabala ezi 60.

ULOLIWE uyakuvulwa e Alvani ngo 19 August.

IYA isanda ingqakaqa ku Mangesi ase Burghersdorp.

KUTIWA elipakati ko Mbashe ne Nciba like lafumana imvula ngeveki edluleyo, zibe selunxwemeni ikakulu.

IZITORA zamagwangqa ziyatsha lutuli. Esika Mr. M. White sitshe e Qumra ngeveki engapaya. Uliudele uncedo Iwe £1200.

IPAKATI le Nkosazana elipete i Koloni lite ngeveki edlulileyo alikazi nokuba ela Bahlambeli liyakuba pantsi kwe Koloni mhlaimbi kwe Nkosazana. Imikosi yona iyancitshiswa kuyakusala amapoli- sa.

UMPATI omtsha wemikosi yonke yase India ngu Sir F. Roberts.

I MAHDI yase Soudan yafa yingqakaqa ngo 26 June.

IBANDLA eli^usela abantsundu e England ligqibe Awintlanganiso yalo ukuba abantsundu abangefcabi pantsi bva Koloni bapatwe yi Nkosazana. Intlanganiso leyo ibeyonganyelwe ngu Mr. W. E. Forster elinye lamatshawe ama&ulu. Ka- nanjalo ligqibe kwvelokuba likuselwe yi Nkosazana elakwa Zulu.

U SIB T. SCANLEN, U Mr. Upington no Sir D. Tennant unihlali ngapambili wase Palamente basazakuke baye e England.

KUKO udaba lokuba amafama ama Bu- lu ase Alvani, nase Komani nase Tsomo enza isicelo ku Mqikela inkosi ya Manpo- ndo ufcuba abaqeshisele ifama kwelozwe lake. Umdhlangazo Faku uyayibuka into leyo.

UMTETO omtsha wokwenziwa kwendlela eyakusuka e Cawa iye e Monti, ize isuke e Monti iye ekungeneni kwe Nciba elwandle umiselwe yindlu engezautsi ye Palamente ngoku ukwepezulu.

AMANGESI ase Kapa enza imigudu ukumisa intlanganiso zeramente zabantu abantsundu abase Kapa apo. Amaxosa ase Kapa aya esanda lati elo labandakanywa nelase Maxoseni ngololiwc nje.

KUMANDLA wase Somerset East kubanjwe inkwenkwana yebastile ne- yo Mxosa ngetyala lokubulala enye. Umzimba ufunyenwe endle intloko ishunqulwe; vanakanwa ngebatyi ukuba ngumalusi ka de Lange wase Riet Vlei. Kulandwe inyawo ezi- mbini ezifunyenwe izezamakwenkwa- na la abanjiweyo abesalusa. Avumi- le ukuba ayibulele enye, kuba isuke yawadiza kuba babebe ibokwe.

IJAJI iyakuteta amatyala e Qonce ngo 30 September 1885.

NAMHLA iyana kancinane. Iyatembisa.

IAIPI yase kubusi entsundu iwagalela urn. ;uba amasimi ayo. Ama- ngesi a! - lonileyo oku ati abone into entsha. Jambili mabandla akowetu.

U KIGHT REV. DR. MOBERLEY U Bishop wase Salisbury e England ububile.

IMALI engeniswe e Dayimani ngamatye akutshwe ngenyanga engu June kutiwa ifike kwi ,£163,095.

IPALAMENTE imise umteto wokuba kwlndawo ezinabateteleli ematyaleni ababini abafundiswe umteto makungamiselwa bantu nje bangafundiswe mteto ukuba batete. Lomteto uba- ngwe sisicelo sikaMr.Harry Mtombeni ku mantyi wakwa Komani.

U MR. J. P. F. WATERMEYEB, B.A., ungeniswe ukuba abe ngumteteleli pambi kwejaji e Kapa.

AMAPEPA ase Alvani ati ingqakaqa iyancipa apo.

INTLANGANISO ezayo yekaba lo Many ano Ngemfundo iyakuba se Rura ngo January.

IKOMITI enkulu ye Konferens yabafundisi base Wesile ihlangene e Kapa ngeveki edlulileyo ; iyakuba veki mbini.

LE yinyanga yokuqala yekwata yesine. Abamnkeli belipepa abangekanjenjalo bayaziswa ukuba lixesha itunyelwe intlaulo ngazo ezintsuku.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, AUG. 5, 1885.

ITAITILE ZE VENKILE.

ASIKUKUBA sizintshaba zevenkile lendawo singa smgenza lamanqaku mayelana nenyatelo elitatyatwe yi Palamente, egqiba kwelokuba abelungu bevenkile abakwimihlaba yabamnyama banikwe itai- tile. U Mr. DE WET ungenise kumteto ongomhlaba ummiselo wokuba oku kwenziwe. Amanene aqo- ndayo anjengo Mr. MERRIMAN, Mr. VINTCENT, Mr. AYLIFF, Mr. SAUER J no Mr. INNES awucase ngamandla. Indlela acase ngayo yoleswa kwi- ngxelo yetu yenqubo yase Palamente. Kulongxelo bobona abafundi betu ukuba esisiqendu somteto si- ngeniswe ngenxa yokuba u Rulu- meni efuna ukuqinisela abelungu bevenkile ba Pesheya kwe Nciba. Elilizwe lakwa PINI lalinikelwe Amamfengu kwapela kungeko nto yokuba lingabuya lahlutwe kuwo. Indawo yokuba emnye kwababelu- ngu bevenkile ba 337 afumane imokolo zake ezine iyakumnka ne- siqa esikulu kunene somhlaba esi- ngasakubuya sibe namsebenzi kwi- ntsapo ya Mamfengu. Ivenkile ezintsha ziyakupiwa nazo imokolo zazo ngalomteto, yintonina eyaku- sinqanda isiralarume so Rulumeni ukuba singawuminyeli wonke u- mhlaba wabantsundu ngokuwutengisa kwabamhlope amasuntswana ngawo lomteto. Abantsundu emva koku, bayakumkangela u Rulumeni njengomntu ote ebapa ngesinye isandla kanti uyabahluta ngesinye. Lehambiso ayisakumenza onwabe ontsundu pantsi ko Rulumeni wase Kapa. Ngu Mr. DE WET kodwa oyifincileyo inteto ngokuti into leyo iyaziwa ngabamnyama. Asikolwa kodwa tina ukuba bayabazi ubukulu bento etetwa leli- bakala. Ndawo yokuba amawetu anobuhlobo obukulu nabelungu bevenkile ayinakupikwa bani; bengeze batanda kwakona ukubona abelungu betshutshiswa okanye bepatwa ka- kubi njengokuba bake benjiwenjalo e Mampondweni. Emababe ke bebengavumayo ukuba banikwe iziqiniselo ngenteto nangamapepa ukuba bahlale kwezo venkile zabo ngalo lonke ixesha balungisayo. Nga- zwinye bebengabatembisayo nanto- nina ngapandle kokuvumela ukuba banikwe itaitile Sinosizi ukuba lento irorotyiswe ngoluhlobo ekupe- leni kwexesha. Akwaba i Palamente ibike yalindela obekuyakutetwa ngabantu abo namhla bahlutwe umhlaba wabo.

Umpanga Ka Rev. Samuel Mtimkulu.

[UBALWE NGU REV. D. MSTKINYA.]

Kungosizi olukulu esibikela urnzi wako- wetn ngokububa kwalomfundisi ugama selikankanyiwe; abantu sebekolisile ukwa- zi ukuba impilo yake yapuka kwanyake- nye, kwada kwati kona ekupeleni konyaka lo bonke abantu namagqira bancama: Kwabonakala nase ntsatsheni yake u^uba uyemnka kwelilizwe. Isifo awayenaso samngena ngamandla amakulu. Kute noko ngofefe Iuka Tixo, nangokupulapula imitandaz® yabantu bake, wangati uya- caca kancinane. Kwahlala kungumma- ngaliso kubo bonke abebembona ukugula kwake kwixa elingapambili kuba bebese- bencamile.

Ngesisihlandlu sokuqala sokucinezelwa kwake kukufa wateta amazwi amaninzi, ebonisa " imfaneleko yokusebenza kuse- semini, nokuba ngokusebenza kusesemi- ni akakoyiki kufa, kuba kuyakumsondeza ebutyebini bake ezulwini." Yaza nga- pezu koku lendoda ka Tixo "yaqayisa u uba ingazanga yenza sono, irigazanga kvba naxa yakutshwa ngalo eramenteni ngenxa yesono, yatsho yati, " konke ebe- ndikwenza bendingqinelwa ngu Moya ukuba kulungile." Ngamanye amaxa ubungamva encoma ubungcwele buak

Tixo, esiti:—" Bukufanele ubungcweel Nkosi, kuba wena uyingcwele."

Kwesi sanamhla esisifo abantwana ne- zihlobo zake benza konke abebenokukwe- nza ngokumfunela amagqira: wave yena ebeke ngakunye ukubatyela ukuba " aka wapila kokukufa zebancome amandla ka Tixo okuvusa ekufeni, bangancomi maye- za." Ewatetanje lamazwi wayengayeka- nga ukuyala unyana wake u James, ngokumbonisa ukuba " makangatembeli emayezeni." Ngelixa ate wabanokucaca kancinane ubenako ukuya endlwini ka Tixo amaxesha amabini, waba nokuwu- quba umsebenzi wake onjengokushuma- yela nokunika *umtendeleko we Nkosi.* ngenye yezi Cawa zimbini wati wanikela umtandazo owatatelwa ingqalelo ngabo bonke ababekona; kangangokuba omnye wabo babekona wawubala; ke uyazixela ngokwawo into osingisele kuyo. Wawu- nika lomtandazo pambi kokuba ashuma- yele wati:—

"Nkosi, ndiyakubulela kuba ndizalelive kwelilizwe ndingenjenga ngelosi, ngokuba wamtumela unyana wako ukuba eze kundi- fela. Ndibulela Nkosi kuba ndite ndakuba ndizalelwe kulomhlaba ndaliva izwi lako ngezicaka zako owazitumelayo, ndalamnkela, ndafumana usindiso olu namhla sendinalo. Ndibulela Nkosi kuba ute ebudaleni bam wandiqasha ukuba ndilihambise izwi lako. Uyalazi Nkosi ixesha endikulendawo ngalo, ukuba nditenina ukuwenza umsebenzi wako ; ndilishumayele njengoko linjalo izivi loko, andibambanga nanye into pakati kwabo; ndibaxelele inyaniso njengoko injalo; ndi. msulwa ngenxa yegazi labo; ndiwufezile umsebenzi ondzpatise wona,.

Kwintsuku ezimbalwa emva kokuwa- yala intsapo yake ngalamazwi, ' ukufa oku kundingene kanye andikubuya ndipile," watsho wati " zitandazeleni, nicele amandla ku Tixo, ukuze xenikweni Inkosi iyenzileyo intando yayo ningetuki nika- tazeke." "Itemba lam liqinile ku Yesu Krestu, ndinaye nakaloku." Emva koko ucele unyana wake ukuba alese xxii kwi Zityilelo zika Johane aqale kwe 1-6 verses, emva koko ucele inkosikazi yake ukuba mayitandaze, waza yena wapeta ngesita- msanqeliso Sabapostile.

Amazwi awatete kwiramente yake ma- ninzi ke; ngenxa yokungafuui ukwenza into ende singasesikankanya la kube ku- pela: " Nize nisebenze kusesemini, nje ngokuba mna ndenjenjalo, ukuba bendi- ngenjanganjalo ngekunzima kum namhla. Imisebenzi yam yonke ipambili Enkosini apo indilinde kbna." Emva kokulala okukulu nentlungu ezinzima, lendoda izitwalile intlungu kwada kwazakuba ngu- mhla eyemnka ngawo njengo Mkrestu ; malungana nokumnka kwake intlungu zaye zingati zidambile, ngangokuba wa- banako ukuwakela kwindawo ebesakuma- na ewaka kuzo ngemihla yake yempilo, wada waya nase Caweni, kanti kukuba seleyakuyibona okokugqibela kuba eyakumnkangokuhlwa. Ngalomhla kanye ngo- busuku bayo, emini wayenokuhamba- hamba pandle njengokuba sendikukanka- nyile oko. Ke abantu ababembona nga- lomihla bebesavuya kuba epilile: waye yena eman' ukuti: " Hai, zihlobo ndisafa, isifo siseko kum." Noko kubenzima ukuyikolela lonto xa zimbona ngati uya- ngcambangcabaza. Nokuya wayezitihla kwintsapo yake kuseinhfotsheni" ukuba 5vaqonda ukuba ngobusuku balomhla uyemnka, kuba ngezolo wayala unyana wake, wamxelela ukuba umyala okokugqibela. Ke lendoda ka Tixo induluke ngexa lesibozo ngokuhlwa ngomhla we 21 July lo.

Wazalwa ngapambi kwemfazwe ka Hintsa kancinane, e Ngwenkala, kufupi ne Kwelera nokungena kwe Nciba elwandle Emaxoseni (Kaffraria). Wakulela e Salem nase Farmerfield. Banduluka apo yena nonina nezihlobo zake (kuba uyise wabuba esemncinane) beza kwa Qwaya e Beaufort apo waguqukela kona nalapo watshatela kona.

Yindoda engazanga iye sikolweni sa- mfundo ngapandle kwexesha wayesele fundela ubufundjsi. Kodwa yati kwaka- msinyane itshatile yaqala ukufunda Isi- peli Samaxosa, yasoyisa kuba yayinya- mekile kakulu, yakwazi nokulesa, kanti kungokuba u Tixo wayeyilungiselela umsebenzi omkulu lo namhla ibuba iku- wo. Ukusnka e Bofolo beza e Nxukwebe apo yaqala ukushumayela nge 1857 ; yati ukusuka apo yatunyelwa kwa Wezo ukuba abe ngu Mvangeli no titshala apo ke, wahlala iminyaka e 11. Nge 1868 waziswa kwase Nxukwebe ukuza kufundela ubufu- ndisi, ngomnye wamadoda okuqala awaqala kona. Nge 1871 wakutshelwa e Bayi ukuya kuhambisa umsebenzi we Lizwi kona, wagqiba iminyaka e 3. Ukusuka apo watunyelwa e Qonce, waza wahlala iminyaka e 5 kona. Wanduluka apo waya e Ngqushwa, wahlala kona wamnye unyaka; wahla wemnka apo ngenxa yo- kufa kwentombi yake, weza apa&wa Qobo- qobo, apo namhla abubele kona, uhlale apa 5 iminyaka.

Lendoda ibingumfo olukolo lunzulu ete ngalo yabanoburoti obukulu bokulwa nesono. Ibiyindoda eluvo belulaulwa yinyaniso ngapandle kokuketa cala; ibiyindoda eshumayela mhlope ngenkohlakalo kwanjengokuba ibisenjenjalo ukubutyila ububele nobukulu bo Tixo ; kangangokuba ngamanye amaxesha ibike ilwe ama- dabi amakulu okutshutshiswa ngenxa yelizwi lika Tixo.

Umzimba wayo usiwe kulomzi uzolile- yo ngo 23 July ngexa le 9 kusasa. Inko- nzo yomngcwabo yahanjiswa ngu Rev. P. Mpinda, wase Perksdale encediswa ngumbali walamazwi

Bonke abahlobo abate benza uncedo ngexa lo&ulala ftwalendoda *a Tixo, naba- te baj ilunguza, siyababulelafc a&ulu—ngo- fcu^odwa iramente yafce. Banga abahlobo bangawamntela lompanga Aa Rev. S. Mtimkulu. Sesingati fcunye no Dafeti— " Gqala ofeze*ileyo, uAangele olungisayo ; ngokuba isipelo somntu onje siluxolo."

E Palamente.

UNCEDO LWEZIKOLO.

Ukwabiwa kwemali yemfundo kwiba- ndla lengwevu, ngo 24 July, kuvelise lengxoxo:

U MR. NEETHLING ucase uncedo Iwakwa Rulumeni Iwentsapo efunda ezi- kolweni ezizisimnari. Akuyiyo imfane- lo ukuhlaula imali yamabodasi, angama- kwenkwe nazintombi, nokuwagcina wona engaroli luto ngemali yakwa Rulumeni, kungokukodwa ziko nje ezinye indawo abangati kuzo bafundiswe ama- shishini ngapandle kokulindela uncedo kwa Rulumeni. Abamhlope abalufu- mani oluncedo lunje, akuyiyo imfanelo kuboke ukurola £9000 kwingqeqesho yabantsundu. Lonke elilizwe liyayiriri- zela lento

U MR. UPINGTON ute uyicasile into yokuba abantsundu bancedwe xa abamhlope bangancedwayo, kodwa ngomnye wemisebenzi ka Rulumeni ukuba- qubela pambili abantsundu entweni zo- kukanya, ukuze nabo babe luncedo kubanielwane babo, ngokuti bakwazi ukusebenza.

U MR. VAN DEN HEEVER ute li- hlazo elibi ukuba abantsundu bahlaule- Iwe bagcinwe ezikolweni ukuze bafundiswe ubugqweta babe ngamamenemene. Ukuba yena utumela intsapo yake emfu- ndweni umelwa zindleko ezinkulu aba- gxote kuye, kanti abantsundu bona babafundisa kufupi namakaya abo. Baninzi (abantwana babamhlope abanga- fumani nalomfundo, kanti abantsundu bayafundiswa. Oku akumfanelo. Eli- bandla malingayivumeli lemali.

U MR. BOWKER kudala yena waqala- yo ukwalata ukuba imali eninzi yemfundo ifunyanwa ngabantsundu. Lemali iyamoshwa, abo bayifumeneyo nemfando bonakalisiwe yiyo, imfundo may in i- kelwe kwintsapo yamafama. Uyicasile into yokuba u Ruluneli alinganwe kukwenza abantsundu " amajentimani " namaledi. Yintoni eveliswa sisikolosase Zoneblom ? Abanye babantsundu abafundiswe kwesosikolo ngamatshivela abefanele ukuxonywa asayekiweyo kodwa.

U MR. TUDHOPE ute lemali yeyokubaqeqeshela emsebenzini abantsundu, ingekukuba benziwa amajentimani namaledi. Yimalike eci tel wa emsebenzini omhle, emakalate indawo yokuba ekubeni u Rulumeni erola £9000 apo ici- twa kona kurolwa £1600; inyanisoke kukuba banceda abo bazincedayo.

U MR. NEETHLING ute lomcimbi make ubekwe umbeko.

U MR. BOTHA ute makutaty a t w e £4,500 kulemali.

Ibandla lizicasile zonke ezinteto kwa- kuvotwa. Abo bate mayingarolwa imali babe 5, abati mayirolwe 13.

Ahlulelene ngoluhlobo amatshawe.

ABANGAVUMIYO :—Van Der Byl, Bowker, Van Den Heever, Van Rhyn, no Botha.

ABAVUMAYO :—Heatlie, Miller, Ross, Neethling, Du Plessis, Combrinck, Joubert, Bertram, Brown, Meurant, Hof- meyr, Burger, Ebden. Yabake ivunye- Iwe.

UKUNCITSHISWA KWEZIFO.

Ngo 24 July, kwi Bandla lesibini kube- ko lengxoxo ngokupeliswa kwezifo ezinjengengqakaqa:

U MR. MERRIMAN ute akacingi Nkuba u Rulumeni abotshelelwe ekubeni arole isiqingata semali encedisa izitili ezisakuba zingenelwe yingqakaqa. Una- wo ngoku u Rulumeni amandla okunce- disa, anokubako mhlaimbi amaxesha okuba arole isiqingata sesitatu kupela.

U MR. UPINGTON ute uncedo lunga- kutshwa kwimali ezimiselwe yi Palamente ukuba zikutshelwe oko. Kuya kuba nzima ukuba izitili azincedwa ngu Rulumeni.

U MR INNES uwucasile lomteto mtsha kuba ecinga ukuba kufanelekile ukuba enziwe u Rulumeni ukuba arole isiqingata sokunyanga isifo esikoyo.

U MR. RHODES ungenise indawo yokuba abantsundu abahlala ezilalini ba- nyanzelwe nabo ukuba babe nento aba- yirolayo ukuncedisa ukuncipisa isifo. Ezingqaxaqa ziqala kwabantsundu, wo- buya alimise ixabiso amabalirole. Ngati ukurolwa kwayo lomali mayibe yirafu ngendlu eyakubutwa njengezinye.

U MR. W. AYLIFF ute xa akangele ubuhlwempu babantsundu ngoku kuya kunqaba ukubuta irafu yoluhlobo. Kwa ezirafu zikoyo kunqabile ukuzibuta. Abantsundu bapantsi kangangokuba aba- namali.

U CAPTAIN BRABANT ute bako na- kwabamhlope abahlwempuzekileyo, aka- yiboni indawo yokuba abantsundu ba- ngafaki isandla ekuncipiseni isifo, uya- temba ukuba lomteto uyakwamnkelwa.

U MR. INNES ute ngendawo yokuba abantsundu ngokwabo benemfanelo zo- laulo bafanele ukuba batwale inxalenye yendleko zokupelisa isifo nangendlela encinane. Ngendlela yokuhlala kwabo ngabo abancedisi ukungena kwezifo.

U MR. BARRY ute nabantsundu ma- babe nento abayirolayo, kuba engacingi ukuba sebehlwempuzeke kangengokuba kusitshiwo.

Esisiqendu sitsha somteto wempilo samnkelwe samiselwa.

IMBANDEZELO EKOYO.

Kwangolusuku, kwakweli Bandla ku- beko lengxoxo ngemali abesiti u Rulu- ineni mayibekelwe bucala ukunceda amagqugula eziqingata ukuba abe nemi- sebenzi ayenzayo ukuze abantsundu aba- lambayo babe nokuxelenga imali:

U MR. MERRIMAN ute uyatemba ukuba u Rulumeni akasakujokisa ngokuti i Palamente mayinike igunya ngale mali i £2,000. Akakolwa ukuba lania- bandla eziqingata anikwe uncedo olunjalo.

U MR. SCHERMBRUCKER ute lemali ifunelwa ukuze u Rulumeni abe noku- ncedisa endlaleni xa kute kwabonakala ukuba makenjenjalo kwabantsundu base Maxoseni. Akusakucitwa ne dobilityi ezintandatu xa kungeko mbangi.

U MR. MERRIMAN akacase nto yokuba abantu bancedwe, kodwa u Rulu- meni makaneke pambi kwebandla into emiyo azakuyenza. UkubeKa i £2,000 pambi kwabo zekutiwe iyakwabelwa amabandla alaula imicimbi yezitili ngezitili lonto iyakudala inkohliso eninzi. Baya- kwazi ngani ukuba amabandla lawo wona ayinikiwe imali. Usaqinisekile ukuba u Rulumeni makayibuyise umva lemali aze abeke eyona nto iyakuma poqo. Lento kutiwa mabayenze ngoku ayimi ngasiko. Kuko indlela entsha ekufuneka yenziwe, abangati bafunyani- selwe kuyo abantu umsebenzi. Yileyo emayicande e Ngqushwa isinge ekunge- neni kwe Nciba elwandle.

U MR. SPRIGG ute okwenene u Rulumeni ngeyimisa eyona nto ingaba ngu- msebenzi obonakalayo ukububenayo yonke ingxelo engalomcimbi. Utemba eso- yika ukuba kusakufuneka ngapezulu kwa lemali. Akakolwa kodwa ukub' abantu sebebandezeleke kangangokuba amapepa endaba esitsho. Abakangqinelani naba- se Maxoseni ukuba indlala inkulu. Uyazi ukuba zininzi intswelo zabantu kwano- kulamba kuko kakulu, isiqamo soko lolu lubo lukoyo ekubonakala ukuba Iwenza baninzi ababanjwa. De kube kuko icebo elilingwayo ababantu bayakuzalisa into- longo kungabiko ndawo. Usati yena kulungele ukuba abantsundu banikwe umsebenzi kwa Rulumeni abangazixelengela impilo ngawo kunokuba bayekwe babe behleli ngobuvila entolongweni bekosa u Rulumeni into eninzi yemali, kungeko nto bamenzela yona. Elibeke- kileyo ilungu lela Maqwelana u (Mr. Merriman) selitete ngendlela etile ema- yenziwe, kungayinto elunge kunene yenziwe. Kungokuba u Rulumeni esiti makubeko nto yenziwayo lento ayaneka pambi kwebandla le £2,000. Unosizi olukulu ukuti u Rulumeni usakubuye afune imali engapezulu nakule ngenxa yendlala, kuba njengabantu asinakuyeka ababantu babube sikangele.

U CAPTAIN BRABANT ute uyoyikela ngati indlala epakati kwabantsundu Emaxoseni iyeyiwa : ababantu bayatsh balala kanye. Uvumelana mpela nelu- ngu elibekekileyo lela Maqwelana ngo- kufuneka kwendlela leyo ayikankanyi- leyo. Ibandla lase Monti selilungele ukuyiqala ukuba u Rulumeni uyalinika uncedo, kodwa kuko nesalelo esisekwe emtetweni. Uva kusitiwa abantu abaqvami umsebenzi kwaloliwe, kungokuba bepetwe kakubi becinezelwa walini ngangokuba kubanzima nokuwugcina umpefumlo emzimbeni. Uyatemba ukuba u Rulumeni uyakunika uncedo olubonakalayo.

U MR. SAUER ute ufuna eqonndile Mpatiswa Micimbi Yabantsundu ukubi, kuyinyaniso na ukuba kumandla wase Alvani abamnyama avunyelwa ngu ma- ntyi ukuba bazifumane ipasi zokuya kusebenza kwaloliwe nakweminye imisebenzi bade babe babatele irafu. Oku ukuva ngenene elimbaleleyo. Usati yena mababe abantsundu basaposisa, ko- dwa bati kunjalo, isiqamo soko sesokuba imbandezelo ingakumbi, abanakoke abantu ukuhlaula irafu. Utyelwe ngu Mpatiswa Micimbi Yabantsundu ukuba akuko myalelo unjalo ake wautumela, kodwa kufanelekile ukuba into le ika- ngelwe, ukuba bacinga njalo abantsundu mabaxelelwe ukuba aku njalo, banoku- hamba.

U MR. J. A. DE WET ute akakazange atumele komantyi izwi lokuba banganiki ipasi abantu abahamba ngomsebenzi. Nto asayiyalezileyo kukuba imantyi zi- nganiki ipasi kubantu abafuna ukufudu- kela Pesheya kwe Nciba. Ubalungiselele abantsundu ukuba bafumane umsebenzi kakuhle e Dayimani kwaloliwe, ba- mbalwa kodwa abavumayo ukuya. Bake okunene bapatwa rabaxa kuloliwe wase Alvani, kodwa izikalazo zabo zibabazwa ngapezu kokuba zinjalo. Unenkolo yena yokuba nalembandezelo ikoyo isr- xelwa ngapezulu kobunjalo bayo, naku- ba ingaba yona intswelo iko ngakumbi kwizitili ezingase Iwandle. Abantu base Kamastone bale kanye ukuya kusebenza e Dayimani kuloliwe.

U MR. SAUER ulese incwadi ayifume- ne e Gqili eti abantu base Herschel bane- ndlala abanikwa matuba okuya kufuna umsebenzi.

U MR. DE WET ute woka abuzise nge nto leyo, boxe'e wa ngokunye abantu ngemfanelo zabo zokufumana ipasi.

U MR. VENTER ute angayixasa imali yokwenza lololiwe ufuneka ehlangani- se owase Burghersdorp nowase Cradock, ukuze abantu bafumane umsebenzi. Namalahle mawasetyenzwe ukuze ama- waka abantsundu afumane uncedo. Aba- mnyama bablala benzelwa izinto kuna- bamhlope. Ako namahlwempu amhlope kodwa wona awenzelwa luto, ukuba ebe- siti makakululwe ezirafini bekungasa- kuvunywa. Abawufuni umsebenzi abamnyama, abauvumi ngapantsi kwe 4s ngemini, into leyoke ebanga ukuba ba- ngabi nakusebenza ezifameni.

U MR. SAUER ute akatsho ukuti ababantu mabayeke ukuzirola irafu. Nto ayikondlozayo sisenzo semantyi ezitile sokuhambisa into ezingengamyolelo ezi- njengokubaminxela abantu ezilalini ukuze bangabi nakuya kuxeleuga kuba kusitiwa abakayiroli irafu.

U MR. J. A. DE WET ute akuko lu- laulo olukanyiselweyo olungahlala pantsi luvale amehlo babe abantu abamnyama betshabalala. (Kwadunywa.) Ngabantu nabo, amabenzelwe into. Ewe, ngama- sela, ukuba akuko nto bancediswa ngayo ukuze bapile bayakuba. Akuko ludonga lungenakutsitywa Iwahlula omhlope ko- mnyama, kuba bahleli ndawonye, ikwa- ngabamhlope abayakuva ubunzima ku- qala ngenxa vokubelwa. Ngakoke makubeko nto yenziwayo ukuze abantsundu bafumane umsimelelo wesonka.

U MR. INNES utelo asimcimbi wokuba lo umhlope lo umnyama sinina. Abantu bayatshabalala zintswelo bacefa uncedo ku Rulumeni. Kwezinye indawo imbandezelo ifuna ukugqita nakweka Nongqa- use. KuX'upangwa kwabo imali yabo ngabapati bo'oliwe, lento ibangela ukuba bangabi nantliziyo yofcuya kwaloliwe abantu. Ati amadoda awanaZmshiya aba- fazi nentsapo yabo ibuba yindlala mabafe bonfce. Abanikwa imali yabo kwaloliwe isufce ibanjelwo ufcudla. Awatandi&e amadoda ukuba ayokudla izonka nekofu
iziqu zawo ibe abantwana besifa.

U MR. MERRIMAN lendlela iyakusuka e Ngqushwa iye e Nciba ifuneka kakulu nguwo umsebenzi ongaqalelwa uncedo ukuba kufupi nabo, bangaiilaulwa ngo— malana, nangokudla babe nokunceda' intsapo. Maungeniswe kwangokuke umteto omtsha ougendlela levo, elabo icala liTa- kuwuxasa. Kuyindlefco iHubatumela fcude abantsundu.

U MR. BARRY uZanyele u£uba abantu sebelamba. Lilo eliZre ituba lokuba batu- nyelwe fcweli lingase Kapa baze fcusebe- nzel' amafama, u Rulumeni mafcabatumele kwelilizwe: makangabatembisi mvuzo mkulu kodwa; isheleni ezintlanu ngenyanga nokudla zanele ku Mxosa.

U MR. J. A. DE WET ute ucinga uku ba elilungu libekekileyo alimazi Umxosa Akangefaniswe nento na.Malawu la bana- wo, kwelo lingase Kapa. Lendlela ingeniswe lilungu lela Maqwelane ingalunga kanve.

U SIR THOMAS SCANLEN ute u Rulumeni akakasicazi esona sizatu amaka- nikwe lemali. Akali nto yokuba abantu bancedwe, kodwa ngati abasakuyifumana baze bafike iseko ngonyaka ozayo seviga- lelwe kumqulu wemali zakwa Rulumeni Usati yena nguloliwe omakahlanganise owase Cradock nowase Queen's Town oyakunceda.

U MR. LE ROFX ute yena lemali ma- langase Kapa

Lemalike yoncedo ahluleleni ngayo abavumileyo [27]' abayicasileyo 18.-Naba abacasi :- Theron, P. Du Toit, Du Plessis A Du Toit, D. De Wet, Des v ages, J. I. De Villiers, Barry, Scholtz, Joubert, Van Der Valt, Nel, Venter, Du Preez, Bergh, Van Rensburg, Le Roex, Marais.

Iveakile Pesheya Kwe Nciba.

KuAo umteto omtsha omiswe yile Palamente wokuba u Rulnmeni abenamandla oAutengisa iziziba zomhlaba Aubelungu abasuAuba beselalini umhlaumbi emhla- beni wabantsundu. Ingxoxo ebeAo ngo Mvulo 27 July Awibandla elingezantsi yivole:—

Isiqendu se 7 somteto omtsha woAutengiswa Aomhlaba SiniAa u Rulnmeni amandla oAucandela noAutengisela abelu- ngu bevenAile umhlaba Awindawo ezini- Awe Awabantsundu.

UMR. DE WET ute esisiqendu singe- niswa Auba *kuko* abelungu bevenAile Pesheya *kwe* Nciba aba 337 abangenazi- qiniselo Awimihlaba yevenAile zabo. Esisiqendu sifuneAa AaAulu, Auba ngoAunga- biAo Awaso u Rulnmeni ulahleAwa yima- li eAu £3000 ngonyaAa, Auba abelungu "bevenAile bonAe bati baxolile uAurola £1 nge-aAile, besitiAe bangaxoliswa besi- Aelwe i-aAile ezilishumi emnye. Lomhla- baAe mauniAelwe Aubelungu bevenAile ube ngowabo ngonapaAade, u Rulnmeni abenelungelo loA-ucanda neminye eAwa- njalo. <

UMR MERRIMANute ibardla mali- lumnAele into eAutiwa maliyenze, linga- fumani lihlute umhlaba wabantsundu opesheya Awe Nciba, Auba abantu bange- nzaANla beyivile lonto. NoAuba Autenina AuyaAufuneAa inani levenAile limisiwe, oAo AuAuti zingadluli enanini elitile.

U MR. VINTCENT ute lento mayingarorotyiswa uAungeniswa Awayo. UAuba iyafuneAa maAungeniswe umteto wayo yodwa.

IT MR. AYLIFF ute uAupiwa umhlaba Aubelungu bevenAile e Lusutu akubaxolisanga, uAuba AuyaAubanjalo napesheya Awe Nciba. Augqitisele uAuba baseyiye- ka lento, Auba lomalana iyaAzungena ingasaAuyibuyisela inAzatazo abayaAuyifuma- na.

U MR. SAUER ute olwaAe uluvo lufa- na nolu luAa Mr. Ayliff, bako noko abelungu abangebelungiselelwe. Imihlaba yevenAile mayibe yeyevenA'ile Azupela ingabi yeyoAzulima.

U MR. INNES ute lomteto uyaAzuvula ucango uAuba babe baninzi abelungu abayaAwenza izicelo ngoinhlaba wabantsundu befuna imoAzolo ngantandatu. ElaAze leloAuba lento mayiyeAwe Auhlali- we njengoAzuba Azuhleliwe, bangafumane bani/we isizatu soAurora abantsundu.

U MR. UPINGTON ute iyaqela lento yoAzumana Ausitiwa bayarora abantsundu. UAzuba abaziAuyimisa imiteto ngokoyikela ukuba abantsundu beyaknpitizelisa masesibayeka kanye ke. »

U MR. MERRIMAN ute nokuba kungayipina indlela masiyigcine iminqopiso yetu nabamnyama. Impi yase Mbo eya- ya pasheya kwe Nciba yanikwa idinga lokuba umhlaba ngowayo kwapela, lama- dinga masingawanyateli ngenyawo kuba engenzelwanga tayitile. Elake lelokuba esisiqendu somteto masibuyiswe umva, okanye zesixoxwe xa umteto omtsha ongeto lakwa Pini upambi kwabo.

U MR. J. A. DE WET ute asimnqweno wabo ukuba bahlute imfanelo zabantu. Lomcimbi bayawazi kakuhle nabantsu- ndu, ngumnqweno wabo ukuba abelungu bevenkile bafumane itayitile.

Isiqendu esi samnkelwe.

Izimo Za Maxosa Zitelekisiwe.

Elipepa lafundwa ngu Mr. Peter Tyamza. she pambi kwe Baudla lo Manyano ngemfu- ndo kwa Hleke :—

Mr. Chairman, Ladies and Gentlemen.

Isimo Samaxosa angoku nesexa elidluleyo zitelekisiwe.

Indawo endizitabateleyo ukuyifunda pambi kwenn, yebanzi kunene, engandilinge- neyo kanye, ngenx' enobnfutshane bam embalini. Kengoko sendoti ndenze amaba- lanzi njekodwa, ndingabi sangxnta knyapi.

Imbali iti Amaxosa eza nenyamakazi kwelilizwe. Ehla nonxweme Iwangase Mpumalanga. Ukusuka kwawo emakayeni awo ayengati apnma atnanulo, az' ati kuba enga- matanda nyamakazi, akufunzana inyamakazi zininzi kweli lingezantsi, aselebnya ngokufu- dusa intsapo, nenkomo [acanda kwilizwe elibuntlango izinyamakazi kupela] ada eza kufika kweli lingezantsi apa. Afikake ako- Iwa kunene lilo: kuba afika kweli izinyama- kazi ezibamba emakaya. yaye ililizwe elihle elinamahlati, nezigxa ; aselegqiba kwelokuba makake apa, nali elona zwe. Ayesitshoke linabaninilo ababelimi. Abaninf oke yayinga Batwa (atna Lawn ngenye inteto) amadoda- na apa amafupi atanda kunene ukutya apa okuzintubu, etanda kwa.nokuzingela inyamakazi, ngentolo apa ezidyojwe ubuhlungu encamini. Afikake abagxota abaninilo, abatyalela ngase Ntshona-langa, aselelenza elawo eli.

IMIZI YAMAXOSA.

Imizi ya Maxosa ziziudlu ezimbalwa, ezitabatele kwizindlu ezintlanu, kude knse kumashumi amabini namatatu, kweyako- mkulu imizi, ezingqonge' nbuhlanti. Eyo- nminimzi indlu iba ngasentla, ikangelene nesobu1 obu h 1 a n t i.

IMISEBENZT YEZANDLA.

Imisebenzi vezandla ya Maxosa ikakulu ukuba ayinjalo yonke yenziwa ngabafazi. Ukulima, ukwaka, nokuhlakula, ukuvuna, nkututela ekaya nokubula, yonke lonto ingumsebenzi wahafazi. Ubesiti umntu •yindoda kwa Xosa akutanda umsebenzi abizwe ngegama lobuxelegu, kutiwe ukute. twa ngaye : " lomfo ka nantsi betu uzidane- le nganina, lento asuke azenze ixelegu lo- msebenzi." Owamadoda umsebenzi ibiku- kubiya nbuhlanti, nokubiyela amasimi, nokwenza izicuba, ukuzingela, nokusukela iwikosi, namadabi. Indoda le ibiyinto egcinwe kunene ukupekelwa ngumfazi, kusenzelwa ukuba ityebe yomelele, kulunyukelwe mhla kuhle utshaba. Njengoko l Senditshilo, nmfo otandana nomsebenzi ebebizwa ngegama lobuxelegu; into ehamba yodwa, elikeswa kwezinye izipaknti. Ira- tshi l»bupakati belisekubuseni komknlu. Ongabusanga nokuba sityebina, nbebizwa ngokuba lirwanqa, umhlaumbi libungela, kubenjalo nasenzaleni yake ibizwa ngaloma- gama.

UBUNTU.

Isimilo sobuntu yinto ebitandwa, isukelwa yiyo yonke into engumpakati. Lomakosi- kazi ebesetyenziswa kangako bekungekuko nokuba ayatandwa, ebekiwe ngabayeni

mpato embi, enjengokufeketwa ngawo ngendlela-ndlela ezininzi endingenakuzibala apa. Kuti kwakuba lapa ndikumbule isiteto esidala sakowetu esiti:—" Ungangeni kwi- mpambano yabazalwana, 'hleze bakuminxele kuba bona beyakubuyelana naseluhlwini. Nditsho kuba namhla sibuyelene nabazalwa. na betu abo, namhla sesibekise kunye sonke kulomfo bawo; kangangokuba ubesiti umfo ofeketa ngotnkake, abizwe ngobugezana; az ati nomfazi lowo akubalekala kowabo ngempato embi, afike umyeni lowo anikwe ityala ebu- kweni bake, lokusipata kepu " isitya sase- mzini esize kuxonywa kowabo, ukuba sidli- we ngamapela." Nangapandle koko ama- pakati ase Maxoseni ebezidla kunene ngabafazi bawo. Ukubonisa nkubekwa komfazi wo-Mxosa : umnikazi-mzi uba neselwa lake, eliaelulaulweni Iwake kanye. Ahlulelwe nenkomo ezitile zeloselwa lake, anokuti ngokutanda akuvnka kusasa ake. aqabule ngentloya kweliselwa lake, pambi kokuba aye emsebenzini wake, uyaya emsebenzini wake seleyintokazi eyomeleleyo, ukanti yoti yakubuya lentokazi, ibuye irunelele kwa- kweliselwa layo. Kanti noko usaza kume- Iwa sisitya sake umnikaziwo kwakutululwa emvabeni kaloku emin' enkulu. Waye umpakati lo eyakngcina kunene isitya sama- kosikazi ake, ukuba sibe sesilungileyo; (kuba u Mxosa unokuzeka inani labafazi, ngangenani lobutyebi bake; ndingasateti kona ngenkosi kuba ishumi labafazi asinto yanto).

Ukuqondisa ukubekwa komfazi wo-Mxosa: ibisiti indoda yakufumana into ebusulura, nokuba knpina, iyifake engxowe- yayo, ipatele isitandanekazi sayo; ibafihlele abanye. Ifike isisulu eso isiti beke pantsi paya, kuti kwakuba mzuzwana avakale umpakati esiti: Nonantsi, ete langxowa. Ize iti inkosikazi yakuyiti hlasi, yakuva ukubanzima kwayo, ibonakale incumela ese. Aze ayitabateke umpakati, rntu inyama, mhlaimbi, anikele kwinkosikazi, eyakutike yona ivutulule amacuba kulenyama (kuba kaloku ingxowa yeyokutshayela, apo kuko omacuba, nozigxebeka, nozinqawa, nezitshe- tshe, nozidosha nezinye impahla-mpahlana). Oku kutandwa, nokugcinwa kangaka komfa- zi wo-Mxosa, kulunyukelwe mhla ngomme- melo. Mhla kuhlanganisene izipaluka nge- zipaluka emdudweni, nokuba kuse bakwete- ni; mhla elo nelo inene libagqatsileyo abalo abafazi, ukuba bazikupe ezinye izifazi ngo- kutyeba, ngentlahla, ngobuhle nangokn- homba. Ubenjaloke u Mxosa ukubeka umfazi wake, ngemini ezipambili kusakiwe kewetu. Ndingatsho ukuti: bezingekoizi- tshananandu ebezisiti akuti nkente umfazi ngokunendula sesiqubula igqeba kumfazi apa, niengoko kunjalo nangezimini zanamhla. Amanyange ebeyitiyile kakulu into em i. Ezidla kakulu ngobuntu bawo. Ubesiti umntu akwenza unyikilo kutiwe makasikwe, kunye nalowo alwenze kuye. Kute ekuha- mbeni kwamaxesha kwabonwa ukuba abantu benkosi bayakupela; makati owenze oko adliwe aqwelwe, kueolwe nembiza. Kuye kwaya kaloku ngezimini zanamhla kwako amabolekwa namabolekana ngabafazi.

ULAULO.

